Isalathiso: 20201202-90
Inombolo yefayili: 12/2/2/P
Imibuzo: N Simons

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*FET*: *DCF 0001*/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela-Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko akwicandelo le-*General and Further Education and Training band*, kwiiNqununu zeZikolo zeZakhono nezezikolo zikarhulumente

**Isihloko: Isikhokelo esimalunga nokuqaliswa kwekharityhulam yokuqeqeshelwa imisebenzi yezandla (*occupational oriented curriculum)* kwiZikolo zeZakhono nokulingwa kwekharityhulam yokuqeqeshelwa imisebenzi yezandla kwizikolo zikarhulumente**

1. ISebe leMfundo esiSiseko lakhupha iSetyhula S10 ka-2020, yomhla we-19 Novemba 2020 (eqhotyoshelwe njengo-***Annexure A***), emalunga nesikhokelo sokuphunyezwa kwekharityhulam yokuqeqeshelwa imisebenzi yezandla kwiZikolo zeZakhono nokulingwa kwale kharityhulam kwizikolo zikarhulumente. Oku kuyinxalenye yokomeleza imodeli yekharityhulam eyi-*Three Stream Model* kwicandelo lemfundo esisiseko.

2. IBhunga laBaphathiswa bezeMfundo *(Council of Education Ministers*) layivuma ngo-2017 ikharityhulam yokuqeqeshelwa imisebenzi yezandla eza kulingwa ziZikolo zeZakhono. Iphulo lokulingwa kwale kharityhulam elanatyiselwa ithuba leminyaka emine limele ukugqitywa ngo-2020. Ukuqaliswa okupheleleyo kwezifundo zezakhono zezandla ii-*occupational subjects* kuzo zonke iZikolo zeZakhono kuya kuqala ngo-2021.

3. Kukhethwe izikolo zikarhulumente ezingamashumi amabini anesibini ezixhotyiselwe ukufundisa izifundo ii-*vocational oriented subjects* ukulungiselela ukulingwa kwale kharityhulam kwiBakala 8 ngo-2021 nakwiBakala 9 ngo-2022 (makufundwe u-***Annexure B***).

4. Idraft yeKharityhulam ivocational orientation ikhutshiwe ukuze uluntu luphose izimvo zalo ngohla we-29 kaNovemba 2020 kwaye ungenelelo luza kwenziwa kwizikolo ekwenziwa kuzo eli linge lale kharityhulam.

5. Injongo yeli phulo lekharityhulam eyidrafti elingwayo kukuqinisekisa ukuba ikharityhulam isebenza ngokuyimpumelelo, nokuba kwenziwe iinguqu phambi kokuba ihanjiswe okanye ifundiswe kwizikolo ngokubanzi.

6. Izikolo zlkarhulumente ezikhethiweyo eziya kulinga izifundo ii-*draft vocational oriented subjects* kwiBakala 8 ngo-2021 nakwiBakala 9 ngo-2022, ziya kuqhubeka ukufundisa izifundo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke, oko kukukuthi: i-*Home Language*, i-*First Additional Language,* i-*Mathematics,* i-*Natural Sciences,* i-*Social Sciences ne-Life Orientation*, kodwa zinokutshintsha isifundo esinye ngesinye kwizifundo ezingekho ngaphezu kwezibini kwezi zilandelayo zithathu: i-*Technology*, i-*Creative Arts* kunye/okanye i-*Economics and Management Sciences* kunye nesinye, kodwa zingabikho ngaphezu kwezifundo ezibini ii-*vocational oriented subjects.*

7. Izikolo ezingamashumi amabini anesibini eziya kulinga le kharityhulam kwiBakala 8 ngo-2021 mazithathele ingqalelo le miba ilandelayo, iya kuba nefuthe ekufundisweni kwale kharityhulam ngokuyimpumelelo: ukuqeshwa kwabasebenzi *(staffing*) ukwenziwa kwethayimthebhili *(timetabling),* izibonelelo, nokwabiwa kwendawo zokufundisela. Inkxaso kwikharityhulam ukulungiselela ukulingwa kwezi zifundo iya kubonelelwa ziingcali zezifundo.

8. Ukususela ngo-2022, izikolo ezinqwenela ukuqalisa ii-*vocational oriented subjects* kwiBakala 8 mazifake izicelo ngokuqala zigqithe kwibhunga lolawulo, ngenkxaso yomphathi wesekethe. Ezi zikolo ziya kuhlolwa ukumisela ukuba ngaba ziyayifezekisa na imigangatho eyimfuneko yezibonelelo, kuqukwa nabasebenzi (*human resources*) neziseko zophuhliso (*infrastructure*), ukulungiselela ukuqaliswa okunokugcinakala kwale kharityhulam.

9. Niyacelwa nazise okuqulethwe kule ngcaciso imfutshane onke amagosa ephondo nawesithili, iinqununu nootitshala kwizikolo zikarhulumente nakwizikolo ezizimeleyo, nabathathi-nxaxheba abachaphazelekayo, ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU-PAD BEETS
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**
**UMHLA:** 2021-01-21